## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaLINYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala iCANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Ingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   - ICANDELO A: Imizuzu engama-80
   - ICANDELO B: Imizuzu engama-40
   - ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Ndeva amazwi athi, 'Bale-e-ka!' **[50]**

1.2 Ukhenketho **[50]**

1.3 Loo mini ndafunda lukhulu **[50]**

1.4 Intswela-ngqesho ingaphela xa ... **[50]**

1.5 Inkunkuma ingayingxaki okanye ilifa esingaliboneli ntweni. **[50]**

1.6 U'*Facebook'* makabenemiqathango yokhuseleko kubantwana abangaphantsi kwe-18 leminyaka **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ubeMNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 okanye 1.7.2). Nika isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1




[Uthatyathwe ku: www.google@pics.co.za] **[50]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### UMBUZO 2

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kwiSebe lezoLimo ucele igosa lezolimo lize kuhlola umhlaba ofuna ukulima kuwo. **[30]**

2.2 **ISIVI NELETA EYIKHAPHAYO**

**ISITHUBA SOMBHEXESHI-NKQUBO**
**KWIZIKO LAKWA SABC**

**KWINKQUBO I'PERFECT WEDDING'**

**Kufuneka:**
Ibanga le-12 ubuncinane.
Ulwazi lweelwimi zesiNtu ezintathu
kunye nolunye lwasemzini.
Ulwazi nentlonipho yeenkcubeko zeli ezahlukeneyo.

Thumela isicelo sakho kuManejala
PO Box 5666, Boksburg, 6875

USipho Qavile unomdla kulo msebenzi.

Bhala isivi neleta eyikhaphayo, uzenze uSipho Qavile, uzithumele kuManejala wakwaSABC. **[30]**

2.3 **INGXELO**

Ubuye kumela isikolo sakho kukhuphiswano lweengxoxo-mpikiswano obeluqhutyelwa kuNdlunkulu wasePhondweni. Bhala ingxelo ngolu khuphiswano. **[30]**

2.4 **INTETHO ESESIKWENI**

Nilulutsha lwengingqi yakho niseke iqumrhu lokupha abantwana izipho zeKrisimesi.
Ungusihlalo weli qumrhu, bhala intetho oza kuyenza ngemini yokunikeza ezi zipho uncome ulutsha ngeli nyathelo lulithathileyo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

## UMBUZO 3

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 umxholo kuphela.

3.1 **ISIMEMO**

Bhala isimemo umemele iqela lomngqungqo kumsitho we'*Heritage Day'* oza kubanjelwa kwiholo yedolophu yakho. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Beniphumile naya kwindawo yokugcina izilwanyana niliqela lolutsha. Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezine malunga nohambo olo. **[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhalela abafundi bebanga le-11 ubanike imiyalelo ngendlela yokuziphatha xa bekwibanga le-12. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**